



Inombolo yefayili: 14/2/4/ASS Survey  
Isalathiso: 20231121-29

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loLwazi neNgcaciso: 0003/2024

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kuBaphathi be-ECD nakwiiNqununu zamaziko e-ECD

**Isihloko: ISaveyi yeZikolo yaQho ngoNyaka (Annual School Survey (ASS)) ka-2024 yeSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) kwizikolo zikarhulumente nakumaziko azimeleyo e-Early Childhood Development (ECD))**

1. ISaveyi i-ASS mayizaliswe yaye isayinelwe yinqununu kwi-CEMIS nge-**05 Matshi 2024** (ngoLwesibini wokuqala kuMatshi). Iinqununu kuya kufuneka ukuba zisayinele idatha yabafundi nabasebenzi (*staff*) echanekileyo kwi-CEMIS. Umhla omisiweyo wokusayinelwa kwedatha ye-ASS ngabaphathi be-ECD ngowe-**12 Matshi 2023**.
2. Phambi kokuba isayinelwe kwi-CEMIS iSaveyi, inqununu mayiqinisekise oku kulandelayo:
  - a) Bonke abafundi ababhalisileyo nabahamba isikolo kwiziko ngowama-2024 bayavela kwi-CEMIS ngokuchanekileyo kumabakala, kwiiklasi nakudidi lolwimi lokufunda nokufundisa.
  - b) Ulwimi lweenkobe lomfundi malube lutshekishiwe yaye luhlaziyiwe.
  - c) Utshintsho lwabafundi (abangenayo nabaphumayo esikolweni (*Learner transfers (in and out)*)) malube lugqityiwe.
  - d) Abafundi abaswelekileyo mababe bakhutshiwe ezincwadini zobhaliso lwabafundi yaye "umhla wokusweleka" urekhodwe njengoko ubhaliwe kwisatifikethi sokusweleka (*death certificate*).
  - e) Ilisti yootitshala/yeepraktishina kwi-CEMIS ihlaziyiwe yaye ingqinisisiwe. Mayibe ihlaziyiwe iminyaka yamava, amabakala kwakunye nezifundo eziya kufundiswa ngowama-2024. Makasuswe amabakala nezifundo ebezifundiswa kwiminyaka engaphambili, ukuba azifanelekanga kumsebenzi katitshala/wepraktishina ngowama-2024.
  - f) Mazingqinisiswe zonke izikrini zokubonisa nokufaka idatha kwakunye neengxelo zeemposiso phambi kokuba kufumaneka icandelo lokusayinelwa kwesaveyi.

- g) Kukhunjuza iinqununu ngendima yazo njengamagosa asingethe i-*Education Management Information System (EMIS)* kumaziko yaye kufuneka ziqinisekise ukuba ingcaciso efakwe ekhompnytheni ngethuba le-ASS ibonisa ngokuchanekileyo amanani abafundi nawabasebenzi esikolweni ngolo suku.
- h) Iinqununu maziqinisekise ngaphezu koko ukuba amanani abafundi afakwe kwi-ASS ngachanekileyo njengokuba amanani angachanekanga amele abafundi aya kuthathwa njengomsebenzi wobuqhophololo.
3. Ukuncedisa ukungqinisiswa kwedatha yabafundi nabasebenzi be-ECD kukho iqela leengxelo zeemposiso (*a number of error reports*) ezifumanekayo eziya kunika isikhokelo sokuchaneka kwedatha ekhoyo efakwe kwi-CEMIS.
4. Iyafumaneka ingxelo ye-CEMIS ukulungiselela ukuqaphela abafundi abangenazo iinombolo zezazisi (ID) nokuququzelela ukufakwa kwikhompnyutha kweenombolo zesazisi ezingekhoyo (ID). Ukuba umfundi akanayo inombolo yesazisi esemthethweni, niyacelwa nibacebise abazali ngenkqubo yokwenza isicelo sesazisi kwiSebe leMicimbi yezeKhaya (Department of Home Affairs) (DHA). Kukhunjuza iinqununu ngeSetyhula 0053/2021, yomhla we-09 Matshi 2022, emalunga nokwamkelwa kwabafundi baseMzantsi Afrika okanye abavela kwamanye amazwe abangenawo amaxwebhu ayimfuneko yaye zicelwa ukuba zibancedise abazali apho kufanelekileyo ngokuthi ziyiququzelele le nkqubo kwiSebe i-DHA.
5. Apho kuye kwakho naziphi na iingxaki ekuzalisweni kwale saveyi, niyacelwa niqhagamshelane nomphathi we-ECD ochaphazelekayo okanye noMlawuli oyi-Support Programme Administration (SPA) odweliswe apha ngezantsi:

Isithili	Igosa lesithili	Isikhundla somsebenzi	Inombolo yefoni	I-imeyili
Cape Winelands	Megan Shoyer	SPA	023 348 4656	<a href="mailto:Meagan.Shoyer@westerncape.gov.za">Meagan.Shoyer@westerncape.gov.za</a>
	Egan Van Wyk	SPA	023 348 4600	<a href="mailto:Egan.VanWyk@westerncape.gov.za">Egan.VanWyk@westerncape.gov.za</a>
	Sophia Kariem	UMphathi oBambeleyo we-ECD	023 348 4611	<a href="mailto:Sophia.Kariem@westerncape.gov.za">Sophia.Kariem@westerncape.gov.za</a>
Eden Central/ Karoo	Denica Booysen	SPA	044 803 8337	<a href="mailto:Denica.Booyesen@westerncape.gov.za">Denica.Booyesen@westerncape.gov.za</a>
	Mkhuseli Mqamelo	SPA	044 803 8314	Mkhuseli <a href="mailto:Mqamelo@westerncape.gov.za">Mqamelo@westerncape.gov.za</a>
	Lucretia Roux	UMphathi we-ECD	044 803 8335	<a href="mailto:Lucretia.Roux@westerncape.gov.za">Lucretia.Roux@westerncape.gov.za</a>
Metro Central	Saar-rah Sedan	SPA	021 5146946	<a href="mailto:Saar-rah.Sedan@westerncape.gov.za">Saar-rah.Sedan@westerncape.gov.za</a>
	Unathi Mazwana	SPA	021 514 6726	<a href="mailto:Unathi.Mazwana@westerncape.gov.za">Unathi.Mazwana@westerncape.gov.za</a>
	Zaahier Jacobs	UMphathi oBambeleyo we-ECD	021 514 6766	<a href="mailto:Zaahier.Jacobs@westerncape.gov.za">Zaahier.Jacobs@westerncape.gov.za</a>
Metro East	Donna Lee Arnolds	SPA	021 900 7222	<a href="mailto:Donna-lee.Arnold@westerncape.gov.za">Donna-lee.Arnold@westerncape.gov.za</a>
	Brittany Kardinal	SPA	021 900 7099	<a href="mailto:Brittany.Kardinal@westerncape.gov.za">Brittany.Kardinal@westerncape.gov.za</a>

	Michelle Liedemann	UMphathi we-ECD	021 900 7221	<a href="mailto:Michele.Liedeman@westerncape.gov.za">Michele.Liedeman@westerncape.gov.za</a>
Metro North	Tracey-lee Arendorf	SPA	021 938 3013	<a href="mailto:Tracey-Lee.Arendorf@westerncape.gov.za">Tracey-Lee.Arendorf@westerncape.gov.za</a>
	Jaydene Alexander	SPA	021 938 3013	<a href="mailto:Jaydene.Alexander@westerncape.gov.za">Jaydene.Alexander@westerncape.gov.za</a>
	Owen Weeder	UMphathi oBambeleyo we-ECD	021 938 3174	<a href="mailto:Owen.Weeder@westerncape.gov.za">Owen.Weeder@westerncape.gov.za</a>
Metro South	Loren Andries	SPA	021 374 4107	<a href="mailto:Loren.Andries@westerncape.gov.za">Loren.Andries@westerncape.gov.za</a>
	Enrico Dankers	SPA	021 374 4108	<a href="mailto:Enrico.Dankers@westerncape.gov.za">Enrico.Dankers@westerncape.gov.za</a>
	Vacant	UMphathi we-ECD		
Overberg	Andrew-Paul Theunis	SPA	028 214 7300	<a href="mailto:Andrew-Paul.Theunis@westerncape.gov.za">Andrew-Paul.Theunis@westerncape.gov.za</a>
	Janice Adams	SPA	028 214 7300	<a href="mailto:Janice.Adams@westerncape.gov.za">Janice.Adams@westerncape.gov.za</a>
	Simon Speelman	UMphathi oBambeleyo we-ECD	028 214 7335	<a href="mailto:Simon.Speelman@westerncape.gov.za">Simon.Speelman@westerncape.gov.za</a>
West Coast	Brene Simons	SPA	021 860 1200	<a href="mailto:Brene.Simons@westerncape.gov.za">Brene.Simons@westerncape.gov.za</a>
	Darren De Goede	SPA	021 860 1268	<a href="mailto:Darren.DeGoede@westerncape.gov.za">Darren.DeGoede@westerncape.gov.za</a>
	Sally Meyer	UMphathi we-ECD	021 860 1201	<a href="mailto:Sally.Meyer@westerncape.gov.za">Sally.Meyer@westerncape.gov.za</a>

6. Umgangatho wedatha ye-EMIS iya kuqhagamshelani swa nemimiselo nemigangatho yokwenziwa kwentlawulo (*norms and standards transfer payments*). Ingxelo yenkqubo yokuthotyelwa kwemigaqo kwidatha ye-EMIS iya kuthunyelwa nge-CEMIS kwiinqununu. Iinqununu kufuneka ziququzelele iinkqubo ze-ASS ukuqinisekisa ukuba idatha ifakwe ngokuchanekileyo, igqitywe ngexesha elichanekileyo yaye isayinelwe ngokunjalo.
7. ICandelo loLawulo loLwazi neNgcaciso liya kubeka esweni ukuthotyelwa kwale nkqubo nomgangatho wedatha yayo yonke iSaveyi i-ASS engenisweyo yaye liya kunika ingxelo kwiNtloko yezeMfundo ngaso nasiphi na isenzo sokungathotyelwa kwemigaqo, ukungangqinelani nokungapheleli kwedatha.
8. Ayakhunjuzwa amaziko azimeleyo e-ECD ukuba mawabe nolwazi ngemiqathango yobhaliso yawo. Makuqatshelwe ukuba ukuzilandela mbo iimfuno ezimiselweyo zedatha zeSebe i-WCED kuyinxalenye yale miqathango yaye ukungathotyelwa kwayo kunokukhokelela ekukhutshweni ezincwadini zobhaliso kwabafundi.
9. ISebe i-WCED liyalithakazelela igalelo nokuzinikela kwawo onke amagosa ezemfundo yaye lijonge ngethemba kwintsebenziswano eya kuqhubeka okoko ngo-2024.

**ISAYINWE:** NGU-MS ABRAHAMS

**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOCWANGCISO LWEMFUNDO**

**UMHLA:** 2023-12-12